**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**AMANQAKU: 120**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu - A, B, C.
- Kwicandelo A uphendula umbuzo owodwa.
- Kwicandelo B uza kuphendula imibuzo emiTHATHU kanti ku-C
- Uza kuphendula umibuzo ube MNYE.
- Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

Khetha ubhale ngengongoma ibe-NYE kwezi zilandelayo, ubude mabube ngamagama angama-450-550, mawagcwale amaphepha AMABINI.

1.1 UMzantsi Afrika lilizwe lenkcubeko ngeenkcubeko ngenxa yabemi abaxubeneyo kulo. Zikho ezithandekayo kubaninizo nezo zingamkelekileyo kwabanye. Wena ke uthanda ziphi / awuthandi ziphi. Nika izizathu zalo naliphi icala owela ngakulo wena nezigxeko zelo uligatyayo. (Gxeka uncome)


1.2 Imfundo likhaka sisagweba. Chaza izinto ezintle nezimbi ngemfundo.


1.3 UMzantsi Afrika uthath'unyawo ngoku kwezemidlalo. Emva kokuqwalasela le mifanekiso ilandelayo, khetha owona mdlalo uwuthandayo ubalise ngawo. Ungabaveza nabanye abadlali abangavelanga apha emfanekisweni, obakhumbulayo ukwabathanda kananjalo. Nazi IZIHLOKO:- IBHOLA EKHATYWAYO / umbhoxo / ihokhi / iimbaleki.



1.4 Uthando.

1.5 Abantu bahlala kwiindawo ngeendawo, baphila kwangeendlela ezahlukileyo. Wakuba ujongisise le mifanekiso ilandelayo, khetha ikhaya libe linye obona ukuba unokuphila ngcono kulo. Nika isihloko.





**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

Khetha ubhale ileta ibe NYE. Ubude mabube liphepha ELINYE qha, kudibene iadilesi nesiphelo.

2.1 Umalume wakho wemka kudala kweli waya kuzinza phesheya kolwandle. Ngoku ufuna ukutyelela eli loMzantsi Afrika kunye nosapho lwakhe. Mbhalele incwadi umxelele ngezona ndawo zinomdla futhi zikwakumgangatho wapheshеya anokuthi onwabise intsapho yakhe kuzo.

**OKANYE**

2.2 Bhalela inqununu yesikolo ofuna ukuya kufunda kuso kunyaka ozayo, ucele indawo yokufunda. **[20]**

## UMBUZO 3

3.1 Uyintatheli yephepha-ndaba elithile, ubukho xa kusenzeka lo duntsu-duntsu. Yenza ingxelo kwiphepha-ndaba olisebenzelayo njengoko umfanekiso olandelayo uthathwe kwanguwe.



3.2 Bhala imizuzu yentlanganiso eshushu engombandela wentlawulo yogesi. Abahlali abasazimiselanga ukubhatala kuba besithi uESKHOMU unamaxabiso aphezulu. **[20]**

## UMBUZO 4

4.1 Bethela umzali wakho ucingo umchazele ngeziphumo zakho zokuphela konyaka, njengoko ungahlali naye.

**OKANYE**

4.2 Bhala uthumele i-CV yakho kwindawo ezahlukeneyo onyeke ingqesho kuzo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [50]**


## ICANDELO C

### UMBUZO 5
### IINTSOMI

***Sasinoncwadi Kwatanci* - S.C. Satyo Nabanye**

5.1 Zibaluleke ngantoni iintsomi? Xela imisebenzi yazo ibe MIHLANU. 1x5=(5)

5.2 Sebenzisa le mifanekiso ingezantsi ukwakha izaci / amaqhalo.




2x4=(8)

5.3 Yintoni kanene intsomi? (3)

5.4 Ngoobani abadla ngokwenza amaqhina? (1)

5.5 Athini amazwi okuvula iqhina? (1)

5.6 Yakha amaqhina anokuba neempendulo ezifana nezi:

5.6.1 Ngumtshayelo.
5.6.2 Yihagu.
5.6.3 Lisele.
5.6.4 Yingwamza.
5.6.5 Yinkukhu. 1x5=(5)

5.7 Kutheni uncwadi lwemveli luphumpeka nje lwakubhalwa ? Chaza izizathu ezibini. (4)

5.8 Bhala iindidi zibe NTATHU zoncwadi lweMveli. (3)
**[30]**

**OKANYE**

5.2 5.2.1 Kwincwadi yakho yeentsomi ncothula intsomi ibe Nye neya kubonisa ubunyaniso bentetho ethi: "ububi abunawo amandla okoyisa ubulungisa" (10)

5.2.2 Yiza nemvelaphi yala maqhalo alandelayo:

(a) Imbila yaswel'umsila ngokuyalezela. (6)
(b) Akukho sibonda siguga namaxolo aso. (6)

5.2.3 Yiza negalelo labefundisi beLizwi kuncwadi lwaTanci. (8)

**[30]**

**UMBUZO 6**
**AMABAL' AMAFUTSHANE**

***Apha Naphaya* - D.M. Jongilanga**

6.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uphendule imibuzo engezantsi:

> Wathi akubhaqwa uNozenza waqonda ukuba amahlathi aphelile, kodwa yamhlala into yokuba nokuba sekutheni na umelwe ukuba aphile nabantwana bakhe. Wayengazimiselanga ukuba iinkumbi nendlala zidlule naye konke. Wathatha ebeka ukucinga oke engalali. Into eyayimqhekeza intloko yeyokuba kwakungasekho mzi angenasikweliti kuwo sombona. Intlalo ayibanga ntle elalini kuNozenza kuba abafazi bayenza nkulu indaba yeembiza zakwaNozenza bada bafuna ukwenza ingoma ngaye.

6.1.1 Chaza ingxaki awayejongene nayo uNozenza nabantwana bakhe. (2)
6.1.2 Xela iinzame ezenziwa nguNozenza ezama ukusombulula ingxaki yabo. 3x2=(6)
6.1.3 Betha nje koozelekazi ngodaba lweembiza zakwaNozenza nezaba ngundaba-mlonyeni kwabanye oomama. (4)
6.1.4 Yintoni eyayibangela ukuba uNozenza awenze ngempumelelo lo msebenzi wakhe wobunyangazana? (4)
6.1.5 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (2)
6.1.6 Ngubani igama lentombi enkulu kaNozenza? (1)
6.1.7 Yayisebenza phi kanene? (1)
6.1.8 Xela amagama abantu ababini nabatyhola uNozenza ngokutsiba. (2)
6.1.9 Wafumana msebenzi mni uNozenza esiLungwini? (1)
6.1.10 Yintoni eyamxabanisa nomLungukazi wakhe? (4)
6.1.11 Wabizwa ngubani umLungukazi? (1)
6.1.12 Ithini imfundiso yombhali kweli balana? (2)

**[30]**

**OKANYE**

6.2 Hlalutya ibalana likaTobhana umolokazana kaDyonase phantsi kwezi ngongoma:

(10)

6.2.1 Ingxaki ekhoyo. (10)

6.2.2 Isisombululo.

6.2.3 Kwibalana elithi "Isiko lisiko" Xhasa okanye uchase uluvo lukaNosisa. Beka nezakho iimbono nezimvo malunga neli siko lakwaXhosa. (10) **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 120**

**ISIPHELO**